



## CHIEF DIRECTORATE – CURRICULUM MANAGEMENT

# INKQUBO YOKUNCEDISA ABAFUNDI BEBANGA LE-12

**ISIXHOBO SOKUFUNDA ESILUNGISELELWE  
UHLAZIYO NOKUNCEDISA:  
IMIBUZO NEEMPENDULO**

**ISIFUNDO: ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO – ISIGABA SESITHATHU**

**EYESILIMELA 2009**

**ESI SIXHOBO SINAMAPHEPHA AMA 5.**

**ESI SIXHOBO MASINGASETYENZISWA NJENGOVIWO**

## **IMIYALELO**

1. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule umbuzo OMNYE kwicandelo ngalinye.
2. Icandelo ngalinye malibhalwe kwiphepha elitsha, uze ukrwele umgca wakugqiba icandelo elo.
3. Bhala cacileyo nacocekileyo, ucwangcise kakuhle umsebenzi wakho.
4. Nika ingqalelo eyodwa kupelo lwamagama kunye nokwakhiwa kwezivakalisi.

## **5. UBUDE BEMPENDULO:**

**ICANDELO A:** Isincoko : Bhala isincoko esingama- 190 – 240 amagama.

**ICANDELO B:** Imihlathana emide: Bhala ama- 80 – 100 amagama (umxholo kuphela).


**ICANDELO C:** Imihlathana emifutshane: Bhala ama- 60 – 80 amagama.

## ICANDELO A : IZINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isincoko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-190 – 240.

Jonga lo mfanekiso ulandelayo uze ubhale isincoko esingqiyame kuwo. Nika isincoko sakho isihloko.



**OKANYE**

### UMBUZO 2

“Inyathi ibuzwa kwabaphambili”. Bhala isincoko uphuhlise eli qhalo unyathela kwizimo zolutsha lwanamhlanje.

[50]

**OKANYE**

### UMBUZO 3

Kwisincoko sakho, bonakalisa ukuba ukwakha indlu kufana nqwa nendlela ekuphilwa ngayo ebomini.

[50]

**OKANYE**

### UMBUZO 4

Kungcono umsebenzi ohambisana neempawu zakho kunalowo ubhatala imali eninzi. Bhala isincoko esingqina okanye esiphikisa le ngcamango. Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.

[50]

**OKANYE**

### UMBUZO 5

Izihlangu zomfundu webanga leshumi elinambini zibalisa ngobomi bazo ngomhla wokugqibela wokuba umnikazi wazo eqqiba ukubhala uviwo lokugqibela. Zona zifikwa ebhokisini enkulu kuba ziyokunikwa abazidngayo.

[50]

**AMANQAKU ECANDELO A:**

**50**

**ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE**

Khetha umhlathana omNYE kule ingezantsi. Bhala amagama angama- 80 – 100.

**UMBUZO 6**

Bhalela umPhathiswa wezeMfundu uvakalisa ulovo lwakho lokungoneliseki yindlela abafundi bengingqi yakho abaziphethe ngayo esikolweni, bekwalindele nokuphumelela ekupheleni konyaka.

**[30]**

**OKANYE**

**UMBUZO 7**

Bhala ingxoxo ephakathi kwakho nomhlobo wakho nichaza ulovo lwenu malunga neziphumo zonyulo luka -2009 lwaseMzantsi Afrika.

**[30]**

**OKANYE**

**UMBUZO 8**

Umenywe njengesithethi kwindibano yesithili yolutsha. Ukulungiselela oku, bhala intetho ebhekisa kulutsha lwengingqi yakho kuba ubona indlela olungazikhathalelanga ngayo esiqwini nasengqondweni.

**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B:**

**30**

### **ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE**

Khetha umhlathana ubemNYE kule ingezantsi. Bhala amagama angama-60 – 80 umxholo.

#### **UMBUZO 9**

Bhala iposikhadi eya kumhlobo wakho osenyongweni umqhayisela ngohambo lwakho lwasesiqithini saseSeychelles.

**[20]**

**OKANYE**

#### **UMBUZO 10**

Bhala isaziso somsebenzi wokuba ngumabhalana oza kusibhengeza kwiphephandaba kuba inkampani yakho idinga incutshe yomabhalana. Esi sihlalo ayisiso ese-Affirmative Action.

**[20]**

**OKANYE**

#### **UMBUZO 11**

Bhala isimemo sentlanganiso yabafundi eza kuxoxa ngemigaqo engalandelwa ngabafundi esikolweni nomakwenziwe ngoko. Esi simemo masikhatshwe yi-ajenda.

**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C:** **20**

**AMANQAKU EWONKE:** **100**